**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**
**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI OLONGEZELELWEYO**
**INQANABA ELIPHEZULU**
**(Iphepha Lesithathu)**

**IXESHA: 2 iiyure**

**AMANQAKU: 80**

---

**QAPHELA:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu A, B, C.
- Khetha isihloko sibe sinye kwicandelo ngalinye.
- Bhala njengoko uyalelwe kwicandelo ngalinye.
- Nombola imibuzo njengokuba kwenziwe kwiphepha lakho.
- Bhala okanye qala umbuzo ngamnye kwiphepha elitsha.
- Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa esisulungekileyo.

---

ICANDELO A

Bhala isincoko sibe sinye kweli candelo, uzalise amaphepha amabini okanye ubhale ngamagama angama-250-300. Nika isincoko sakho isihloko.

**UMBUZO 1**

1.1 Kulo mfanekiso ungasezantsi sibona owayesakuba nguMongameli weli lizwe uMnu.Nelson Mandela engqongwe ngabanumzana F.W. de Klerk no T.M. Mbeki, oosekela-Mongameli boRhulumente womanyano lwesizwe luka-1994.

Bhala isincoko ngazo zonke iziganeko ezakhokelela kuloo mhla mkhulu wokubekwa kwezi ndedeba, ubalise nangale mini inkulu kangaka.


URHULUMENTE WOLAWULO LWESININZI EMZANTSI AFRIKA



**OKANYE**

1.2 Qwalasela kakuhle lo mfanekiso ungasezantsi. Apha sibona izakhiwo eziphakamileyo zasedolophini, kodwa namatyotyombe akhona. Siphinda sibone oomama ababini, owasedolophini nowasezilalini.

Kha ubhale, uveze izimvo zakho malunga nentlalo yasezilalini neyasezidolophini. Yiyiphi intlalo engcono?



**OKANYE**

1.3 Imibono iyabetha-bethana malunga nokugcinwa kwamasiko nezithethe zakwaXhosa. Luthini olwakho uluvo?

**OKANYE**

1.4 I-Afrika iphume iphulo elitsha lokuvusa eli lizwekazi. Ukuba ubungumongameli woMzantsi Afrika okhokela eli phulo ubungenza mizamo mini ukufezekisa eli phupha?

1.5 Umnqweno wam omkhulu kukwakhela iinkedama ikhaya ngenxa yokuba abazali bazo bebulawe yintsholongwane kagawulayo.

1.6 Iingxaki ulutsha lwakowethu olujongene nazo.

**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

ICANDELO B

Khetha umbuzo ube mnye, ubhale iphepha elinye elizeleyo okanye amagama ali- 120-150.

**UMBUZO 2**

2.1 Ubundlobongela bandile kwindawo ohlala kuyo. Bhalela umphathi wesitishi samapolisa esikufutshane ucele uncedo.

2.2 Izimilo zehlile kuluntu jikelele. Le ngxaki ikho nasezikolweni. Abafundi ababini bancokola ngale ngxaki.

2.3 Bhala isincomo-sigxeko sesibhedlela esisetyenziswa luluntu kwingingqi ohlala kuyo. Landela indlela esibhalwa ngayo isincomo-sigxeko esibonakalisa bonke ubuhle nobubi beli ziko.

**AMANQAKU ECANDELO B: [20]**

ICANDELO C

Phendula umbuzo ube mnye kweli candelo,ubhale iphepha elinye elizeleyo okanye amagama ali- 120-150.

**UMBUZO 3**

3.1 Ungusihlalo wolutsha ecaweni yakho. Bhala isimemo sentlanganiso, sibe ne-ajenda ebeka imiba eshushu enizakuxoxa ngayo.

3.2 Ninengxaki yokunqongophala kweencwadi zokufunda kwisikolo senu. Njengosihlalo weqela elilawula isikolo, bhala imemorandam eya kwimanejala yesithili, ubeke esi sikhalo. Kudala nikhalaza, akukho nkqubela.

3.3 Bekukho intlanganiso ebishushu yolutsha lweCawa yakho. Bhala imizuzu yale ntlanganiso.

**AMANQAKU ECANDELO C: [20]**

**AMANQAKU EWONKE: 80**

**ISIPHETHO**